

IPhondo leMpuma Koloni lezibongozo zoCwangciso, uLawulo nokuSetyenziswa koMhlaba.

Reference number EC-SPLUM-no.01-2016
21 July 2016

Ze ziqwalaselwe ngu: Nksk Nombulelo Hackula

KwiNtloko yeSebe

ISEbe loLawulo lwentsebenziswano kwiMicimbi yeMveli yaseMpuma Koloni

Siphawula ukuba iPhondo leSebe loLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yeMveli laseMpuma Koloni (EC-CoGTA) likwiphulo lokuphuhlisa ngemithetho kunye nemigaqo siseko emitsha kuCwangciso lweMihlaba noLawulo lokuSetyenziswa koMhlaba (SPLUM).

Siyimibutho eyimbumba le esayine ngezantsi, sibongoza kwi-EC-CoGTA ukuba ibandakanye kwaye iquke ezingcebiso zilandelayo kwinkqubo yokusekwa kwe mithetho nee polisi zeMpuma Koloni:

1. Ibandakanye uluntu kwinkqubo yophuhliso, ukuphunyezwa nohlaziyo-nkqubo lukaSPLUM wephondo kunye imithetho nee polisi. Ukuthi ngqo:
 - a. Kusekwe ikomiti yeengcebiso kaSPLUM yephondo ebandakanya abameli boluntu. Loo komiti kufuneka 1) Yongamele uphuhliso lomgaqo weSPLUM wephondo kunye nomthetho, 2) Ize iqinisekise ukuba loo mgaqo-nkqubo kunye nemithetho iyaphunyezwa, 3) Igcinwe esweni kwaye yaziswe ngomsebenzi karhulumente wengingqi ize inikwe ingxelo ngokuphunyezwa kuka SPLUM, kwaye 4) Yenze uvavanyo nkqubo rhoqo kunye nemithetho kwaye icebisa kuphuculo olunokwenzeka ngokuhamba kwexesha.
 - b. Kubekho iphulo loluntu ngokubanzi, phambi koqulunqo lwePhepha-Ngcaciso ngomthetho weSPLUM omtsha, luqinisekise ukuba uluntu kunye namalungu kubameli boluntu bakwimo yokulungiselela ukuthabatha inxaxheba kwiinkqubo ze Phepha-ngcaciso, nemithetho yophuhliso. Oku kubandakanya ukunika ithuba lokuba uluntu luziqhelanise nomxholo kwePhepha lomthetho ka SPLUM wephondo nokutyumba abameli ukuba abayakuhlala kuyo nayiphi na ikomiti yengcebiso kaSPLUM okanye naziphi na ezinye izakhiwo ezisekwe njengenxalenye yophuhliso nenkqubo yokuphunyezwa kuka SPLUM.
 - c. Iququzelele izicweyo zasekuhlaleni neziganeko zokusasaza ulwazi ngoSPLUMA kwiindawo nengingqi, oomasipala, kwizithili nemimandla kwakunye namacandelo ahlukeneyo.
 - d. Iphuhlise ishwanathelo somthetho wesizwe, sephondo nesa sekuhlaleni kwaye sitolike izishwanathelo ngolwimi olusetyenziswa ngokuqhelekileyo kwiindawo ezahlukeneyo zephondo (ingakumbi isiXhosa, IsiNgesi nesiBhulu).
2. Ukuphucula inkqubo yabahlali yokuthabatha inxaxheba kuphuhliso lwesiSikhokelo sezicwangciso zoPhuhliso lweMihlaba (i-SDF). Ukuthi ngqo:
 - a. Njengenxalenye yeSDF kamasipala, kufuneka oomasipala babeke ngokusesikweni imigaqo yophuhliso lweendawo ngobume bomasipala baqinisekise ukuba uCwangciso lukaMasipala (MPT) ze lwazise okuthethwa nge migaqo nangeziqibo zotshintsho olucetywayo malunga nokusetyenziswa komhlaba. Nangona le migaqo kufuneka ihambelane nowesiseko socwangciso lwemihlaba wesizwe ngokubanzi kunye nomthetho woLawulo noSetyenziswa koMhlaba u(SPLUMA), kufuneka ke kungqanyanisewe iifundo neminqweno yasekuhlaleni. Le migaqo, kunye nesikhokelo sikamasipala se-SDF, iSDF yeNgingqi kufuneka ziphuhliswe ngendlela yokubonisana.

- b. Inike isikhokelo esithe vetshe ngendlela oomasipala ekufuneka baseke ze baphuhlise kwaye baphucule iindawo ngokolwandiso (njengoko kubhaliwe kwicandelo -21 ka SPLUMA nganye).
 - c. Inike iinkcukacha ngokuthe vetshe ngendlela oomasipala basekhaya abaya kuphuhlisa iSDF ngayo, ukucacisa ubudlelwane phakathi kweSDF kunye nee SDF zikamasipala kwakunye nendlela-ndlela izindululo ezo zasekuhlaleni ziyakuthi zihlanganiswe neengingqi ngokubhekiselele kwinkqubo ezikhoyo.
 - d. Kufuneke ukuba oomasipala basebenzise iindlela zocwangciso ezisekelwe uluntu, ezifana ne (ABCD- uphuhlisa uluntu ngokuqala ukhulisa lonto sele lunayo) xa setyenziswa inkqubo ka SDF wasekuhlaleni.
3. Kusekwe imigaqo eneenkcukacha neendlela zokugcina nokuSetyenziswa koMhlaba, ingakumbi kwiindawo zoluntu. Ukuthi ngqo:
 - a. Kukhokele oomasipala bavele nobuchule nemithetho yokusetyenziswa komhlaba kuluntu. Kujongwe amalungelo akhoyo okusetyenziswa komhlaba, ukuphuhlisa nokuhlaziya imithetho yokuSetyenziswa koMhlaba (ingakumbi kwiindawo ezisemaphandleni kunye nezasekhatyotombeni).
 - b. Kucelwe oomasipala bavelise imigaqo efanelekileyo yokusetyenziswa nokulawulwa komhlaba kwiindawo zoluntu, esekelwe kumgaqo wongezelelo kuphuculo lweendawo zasekhatyotombeni.
 4. Kubandakanywe abantu abanamava ngezophuhliso, kwimimandla yasezidolophini neyasekhatyotombeni kunye namalungu enkundla yezicwangciso zikaMasipala. Ukuthi ngqo:
 - a. Lamalungu kufuneka aqonde indlela yokusetyenziswa komhlaba (wesintu) kwimeko yentlalo apho uphuhliso, iingcebiso kunye nendlela nokuthabathwa kwezigqibo lwezeka khona.
 - b. Kufuneka lamalungu enkundla yezicwangciso kamasipala kanye la anoxanduva lokujongana neendawo ezithile aziqhelanise kwaye babenolwazi ngeemeko ezisemthethweni zophuhliso kwiindawo zoluntu.
 5. Yenze ukuba ifikeleleke ngakumbi kumalungu oluntu bakwazi ukufaka isibheni ngezigqibo zokusetyenziswa komhlaba. Ukuthi ngqo:
 - a. Kuhlolwe inkqubo-lubheni ka SPLUMA ukuze kufunyanwe iindlela zokwenza le nkqubo ifikeleleke ngakumbi, ngokuchasenaleyo ilubeka kwiinkundla uxanduva lwezisombululo(leyo indlela ithatha ixesha elide kwaye iziindleko).
 - b. Ibonelele ukusekwa kweqela elithabatha inxaxheba elixhotyiswe kakuhle nelizimeleyo elimiswe noomasipala ukuze lithabathe uxanduva lokujongana nezibheni ezibekiweyo nga magosa onyuliweyo kunye nenkundla yocwangciso kamasipala.
 6. Kucaciswe kwaye kuqaphelwe nendima karhulumente, iinkokheli zemveli, nezinye izakhiwo ngobunkokheli boluntu, kunye nabanye abachaphazelekayo kwinkqubo SPLUM. Ukuthi ngqo:
 - a. Kunakanwe imimanyano yezezindlu nentlalo, abahlali kunye nemibutho, abanimimzi kunye nabameli ngoko mthetho wephondo.
 - b. Kucelwe oomasipala bavumele eminye imibutho ukuze ithabathe inxaxheba (ngokuboniswano okanye ngezimvo) kwizicelo zophuhliso lomhlaba phambi kokuba yenze izigqibo zokugqibela zokusetyenziswa komhlaba.

- c. a. Kusetyenziswe inkqubo zokuphepha udushe nembambano equka, umzekelo: ukucela inkcazelo, uthetha-thethwano, ulamlo pakathi koluntu apho kunokuthi kuvele imbambano kokubhekiselene kwizigqibo zophuhliso nokusetyenziswa komhlaba.

Siyawuncoma umsebenzi obalaseleyo wophando oluye lwenziwa yi-EC-COGTA kwaphumela ekuvelisweni 'iGreen Paper: ngoCwangciso loSetyenziso loMhlaba kwakunye nolawulo eMpuma Koloni (lika January 2016). Sicela iEC-CoGTA iyithabathele ingqalelo lemithetho kunye neengcebiso kweli Phepha xa kuqulunqwa nkqubo ka SPLUM wephondo.

Ingakumbi sifuna ukubona umgaqo 'ngaphambi ko kolwaziso- mvume' kuluntu kwiinkqubo zokuthabatha izigqibo eyila umqolo nokuma nakowuphi na umgaqo-nkqubo wephondo.

Sikwacela iEC-CoGTA yazise pambi komhla we 12 August 2016 njengeny yeendlela zokuphendula esi sibongozo ngembalelwano eyakuthi ibhekiswa ku:

Ronald Eglin
9 Wynne Street, Southerwood, East London
e-mail: ronald@afesis.org.za,
phone: 043 7433830,
fax: 043 7432200

Imibutho eqinise esi sibongozo ikwanalo nelungelo lokwenza izindululo ezizezabo nezibongozo ngokunxulumene no SPLUM wephondo.

1. Tholulwazi Development Organisation
2. Public Service Accountability Monitor (PSAM)
3. CALUSA
4. Matatiele Advice Centre
5. Duncan Village Youth Developmental Initiative(DVYDI)
6. Private Eye Community Watch Project
7. HIVOS
8. Catholic Development Centre
9. Youth Potential South Africa (YOUPSA)
10. Somila Community Development Association
11. Imbasa Community Services
12. Phuhlisani
13. Siyandiswa Family Co-operation
14. Buffalo City Civic Association
15. Eastern Cape NGO Coalition (ECNGOC)
16. Afesis-corplan

cc. UGqr Tony Williams, Umlawuli wezoCwangciso lweMihlaba, iSebe loLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yezeMveli waseMpuma Koloni.

cc. MEC Xasa, uMphathiswa wezeNtsebenziswano kuLawulo neMicimbi yezeMveli eMpuma Koloni.